kaya abanye. Akufika, waselehambisa kwaoko Epete Izibalo zama Xosa waziguqulela ama kowabo, efikelela kuyo yonke imizi apo bekuhlanganisana abakulu naba ncinane ukuza kumpulapula xa ateta ngotando Lom-Sindisi kuboni.

Emveni kwentsuku ezimbalwa, bahlukene No-Nathaniel abahlanu, babanjezelwa ngama Bulu ngenxa yoku fanela ukuba empahleni yabo kuko ifuluwa nelote! Kodwa akafumana nto yimbi ngapandle kwe Zibalo nencwadana zokufunda, nama culo. Akululeka emveni kwe ntsuku ezintatu. Sagqibela xa kutiwa sebelusuku lunye bafike ekaya. Seloko ama Bulu aqwaye imfazwe nama kowabo; kumqabile ke ngoko ukuba singati sobuye sive nimina ngabo.

Akutandabuzeki ukuba la madoda azinikele ngoku nje, aya kutandazelwa ngama waka afunda elipepa. Wanga angati U-Tixo U-Solufefe abaqinise, abamise elukolweni, abenze abafundisi bokukanya kwelilizwe lase Africa lise bunyameni.

---

## KWELE DIAMOND.

Indaba ezivela kulomlambo kutiwa yi-Vaal zibonisa ukuba ukumbà kusengumsebenzi onzuzo inkulu. Bebonke abantu bakumawaka osixenxe (7,000). Bate sà elunxwemeni lwalomlambo, apo bekuke kuko abalusi bemihlanjana yegusha engepi. Ixabiso le diamond ezifunyanwayo ngoku lifike kumawaka alishumi eponti (£10,000) ngeveki. Asikuko nokuba ibonakala ininzi lemali; ekungeko kutandabuza ke ukuba isininzi siyatyeba; noko abanye besenje ngoko bebenjalo ngokuti babe nelishwa, mhlawumbi bangabi namonde.

Ekumbèni apa kwenjiwanje—umhlaba uyacandwa candwa ize kurolwe imali etile ngawo. Ngababateleyo bodwa ke abanako ukumbà. Kuqala kumb'iwa ngepeki uze umhlaba utwalwe ngenqwelana ukusiwa emlanjeni; mhlawumbi amanzi aziswe apo kumbiwa kona ngefatyikazi ezinkulu, kuqalweke ukuhlanjwa; kuze kutatwe umhlatyana uyalulwe etafileni ugalelwe amanzi.

Xa kucingwa ubuncinane benxenye yalamatye—kuba amanye engangokozo lwezimbu—angade abe umntu kuko angayi kubonwa, kanti hayi. Pakati kodaka, namanye amatye iye yona ikazimle nje ngokukanya emnyameni, aze lowo uyiboniléyo ayitate ngovuyo. Inkoliso ye diamond ezifunyanwayo zezincinane, kodwa ke zininzi. Ixabiso lezitunyelwe E-England lali kumawaka amashumi omane eponti (£40,000). Ewonke lomatye umntu ubengawalakayo enxoweni. Uboya beloxabo bunga lungelwa kukutwalwa zinqwelo oelikulu lamashumi omatatu (130), nokuba ite inye yatwala amawaka osibozo eponti (8,000lb), lize inani labo libe zipeni zositoba ngeponti.

Kodwa zezisukuba zinkulu ezifumana imali eninzi, zimenze umntu atyebe ngelanga. Soti siwaxele ngamanye amanani ezinye, namagama abantu, nawamaqela azifumeneyo.

1. Eyokuqala eyaba ngumangaliso kwakutiwa ukubizwa kwayo, Likwezi lase-Africa. Yona yadla £11,000.

2. Leyo ebizwa ngokutiwa, Yinkosi yase Vaal, yayi yeye xabiso £8,000.

3. Eka Wheeler yaba £30,000. Yaka yafolelwa amawaka amashumi mabini anesihini eponti apo kumbiwa kona, akavuma.

4. Eka Roos yaba £6,000.

5. Ezeqela lika Pitt wase Whittlesca zaba £8,000.

6. Iqela lika Lloyd lifumene eze £11,000.

7. Ezelika Lent. Vibart wase-Natal ebezimashumi mahlanu anesine zadla £140,000.

Inxenye igoduka seli ngamahlwempu ngapezu koko yayinjalo. Abo banomonde bayabuyiselelwa. Elinye iqela labamhlope lite lakuba lingafumani nto, lawutengisa kwabamnyama lomhlaba walo ngeshelenana ezimbalwa. Bate bona besentsuku mbini bafumana idiamond zambini enye iyeye xabiso leponti ezimashumi mabini, enye iyeyekulu elinamanci mabini.

Akuko kutandabuza ukuba oku kufunyanwa kungaka kwazo kuya kwenza ukuba I-Africa ibe yindawo eludumo lukulu ngexa elizayo.

---

## EZIVELA KUBABALELANI.

*Kumbali we Sigidimi.*

Nkosi,—Ngentsuku ezigqitileyo ndive kutwa kuko ipepa elibalwe ngokwama Xosa, *inene* yatonto bendi ngekayiqondi. Kodwa ngoku ndiyiqondile ngokuba ndilibone ngawam amehlo.

Ndite ndakufika ekaya, sihleli nomfazi wam ndamxelela naye, ndati kuye namhla kulungile, ngoku nati bamnyama inene yezinto zomhlaba siyakuyiva siyiqonde. Koko yena usuke wadela, wati—"Into emnyama ingaqonda ntoni nizidenge nje? Into enizaziyo ikulima amazimba, nokusenga inkomo ezimbini nokutunga imvaba yamasi."

Ndite ke mna kulungile, unyanisile ukuti sizidenge, asazi 'nto, ipepa lelifanele abanjalo; abalumkileyo abavelanga nokulumka, nawe ukusebenza wakufundiswa ngunyoko, nento zonke ezaziwa ngabanye.

Ati ke, "ewe ezintwana ezaziwa siti singazifunda, kodwa ezisencwadini zezabamhlope, tina singe zifundi."

"Kaume ke! nabamhlope abazanga bayeko ukufunda. Qonda nge posi yakufika ukungxama kwabo, nokusunduzana kwabo ukunga banga fumana amapepa abo. Akuzanga ubabone?"

"Kendibabone."

Nxatshike; "bangxamele ukuba beve into ezenziwa nezitetwayo kwezinye indawo, nangabanye abantu abangazaziyo bona, ize balumke ngokulumka kwabanye, kuti okubafaneleyo bakuqonde, nokukohlakeleyo bakuzile. Nati ke soqonda ngabo sifunde ngelabo isiko. Nditi ke ngoko ndiyavuya kubeko ipepa elibalwa ngolwetu ulwimi.

Ati ke yena, "uyakulizuza pina ke ungayikulipiwa mtu nje, nemali ungenayo yokulitenga?"

"Anditsho nam ukuti ndolipiwa ngumntu. Kakade umsebenzi womntu ungepiwe zé ngokuba ebulaleka nguwo, noko iqosha-na lepepa lona ndolifumana."

"Uyakulifumana pi?"

"Ndolisebenzela, zonke izinto zomhlaba zifunyanwa ngokusebenza."

Ndiyapela [illegible] ke Nkosi Mbali. Nditi bala elam [illegible] enewadini ngokuti ndiyalifuna ipepa elo: imali yona ndokunika mini sihlan[illegible]ayo. Inga kodwa ndingakulika ngoku ngokuba ityala ndiloyika.

Nawe ke Nkosi Mbali wakulumka, imali ndiyisebenzela nzima, andinakuyiceita ngelize. Ipepa malibe nendaba ezifundisayo, nento ezibalwayo zibe zeziqondisayo, ize nam ndibuye ndiqubise ukunikela. Kuba lingenazo, ndiyazi ukuba nomfazi wam wondikumbuza, ati, yilento bendikuxelela disiti usidenge. Ndipelile ke. Beta nepepa lako elo, sobuya sivane ukuba sisapilile. Ngoku ndisengumkonzi wako.

U-Wellem.

---

## EZAPESHEYA KWE NCIBA.

Imantyi yakona, u-Capt. Blyth, isandl ukuzihlanganisa zonke inkosana zakona ifuna ukuva ukuba zitinina zona ngezinto ezitile; ezinje ngoku tengisa ngotywala base mlungwini, "nokugcagca."

Ukugcagca lisiko elidala. Kusake kubeko napakati kwezizwe ezifundileyo, xa abazali nokuba yintombi bengalivumi isoka. Pakati kwama Mfengu pesheya kwe Nciba asikuko nokuba lento ikeyenza inkatazo enkulu, no-Capt. Blyth wenze ngobulumko ukuti ngeyitshatyalaliswa. Ziteke inkosana zayivuma zonke lonto.

Ngokubèkiselele ekutengisweni kotywala base mlungwini kuyavuyisa ukwazi ukuba zonke ezinkosana, ngapandle kwezimbini, azifuni ukuba butengiswe pesheya kwe Nciba. Ezo zimbini mhlawumbi ziyabutanda. Lihlazo kwinxenye gcini bevenkile ukude, ngenxa yenzuzwana engepi, batengise kwizizwe eziseno budenge ngezinto abazaziyo ukuba ziya